UBongi noAnn bahamba bayokuxelela utitshala wabo ngokungcola abakubona ngasemlanjeni. Wathi mabacele abanye abantwana bancede kuyokucocwa oko kungcola. Babhala isaziso basixhoma eludongeni. Baba ngama-24 abantwana abeza bezokuncedisa kukhuculwa ipaki. Bachola zonke iibhotile ezophukileyo, iinkonkxa kunye namaphepha. Jonga isaziso esenziwe nguBongi no Ann.

## ISAZISO

Abantwana bathanda ukuhlala badlale endaweni ecocekileyo. Asizithandi iipaki ezingcolileyo. Yizani sincedane sicoce indawo yethu ekufutshane nomlambo. Masigcineni iipaki zethu zicocekile.

**Masincedisane sicoce.**

Kuza kufunyanwa iziselo kunye nezonka eziqatyiweyo.

**Nini?** NgoMgqibelo umhla wama-21 kuMatshi ngentsimbi ye-10.
**Phi?** eKiddy Park.

Ibhasi iza kusibuyisela emakhaya ngentsimbi yesi-2

| | | |
|---|---|---|
| | Phendula imibuzo ngomlomo. (orally)<br><br>1. Ngubani owancedisa uBongi ekubhaleni isaziso?<br>2. Akhetha ukwenzani amantombazana amabini?<br>3. Ucinga ukuba yaba yinto entle ukuba bacoce ukungcola? Ngoba?<br>4. Waqala nini umsebenzi wokucoca? | |
| | | |
| Isandi | Funda la magama, kwenziwe upelo.<br><br>1. tshwa<br>2. mayitshintshwe<br>3. intshwabulo<br>4. ikhutshwe<br>5. ndiphutshwe<br>6. ukumpontshwa<br>7. ndimpintshwe<br>8. ndikhatshwe<br>9. uphetshwe<br>10. izitshwa | Uluhlu lwamagama |
| | | |
| | | |

| | | |
|---|---|---|
| Ukufunda | Funda ibali<br>**Siyacoca**<br><br>UBongi noAnn bahamba bayokuxelela utitshala wabo ngokungcola abakubona ngasemlanjeni. Wathi mabacele abanye abantwana bancede kuyokucocwa oko kungcola. Babhala isaziso basixhoma eludongeni. Baba ngama-24 abantwana abeza bezokuncedisa kukhuculwa ipaki. Bachola zonke iibhotile ezophukileyo, iinkonkxa kunye namaphepha. Jonga isaziso esenziwe nguBongi no Ann.<br><br>ISAZISO<br>Abantwana bathanda ukuhlala badlale endaweni ecocekileyo. Asizithandi iipaki ezingcolileyo. Yizani sincedane sicoce indawo yethu ekufutshane nomlambo. Masigcineni iipaki zethu zicocekile.<br><br>**Masincedisane sicoce.**<br><br>Kuza kufunyanwa iziselo kunye nezonka eziqatyiweyo.<br><br>**Nini?** NgoMgqibelo umhla wama-21 kuMatshi ngentsimbi ye-10.<br>**Phi?** eKiddy Park.<br><br>Ibhasi iza kusibuyisela emakhaya ngentsimbi yesi-2 | DBE Workbook 120 |